Isalathiso: 20200320-5955
Inombolo yefayili: 12/2/13/6
Imibuzo: B le Keur

INgcaciso eMfutshane yeCandelo lokuXhasa amaZiko ngeziBonelelo: 0001/2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela Balawuli kwii-ofisi zezithili, kwiiNqununu nakooSihlalo bamabhunga olawulo azo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezingekho phantsi kwecandelo-21

ISihloko: Ithuba lazo zonke izikolo ezingekho phantsi kwecandelo-21 loku-odola ngekhompyutha (*online ordering*) izinto zokubhala nezokucoca, ezokusebenza egadini nezombane kunyaka-mali ka-2020/21

1. Ngale Ngcaciso imfutshane kwaziswa izikolo ngethuba lokuqala ukususela nge-27 Meyi ukuya kwi-05 Juni 2020 loku-odolwa ngekhompyutha, kwezinto zokubhala nezokucoca, ezokusebenza egadini nezombane ukwenzela ukuba zisetyenziswe ngo-2021.

2. Le Ngcaciso iMfutshane mayifundwe kunye neSetyhula 0031/2017, yomhla we-20 Septemba 2017, neSetyhula 0036/2019 yomhla we-26 Septemba 2019.

3. Ngo-2017, izikolo zaziswa ngeSetyhula 0031/2017, yomhla we-20 Septemba 2017, ngeekhontraki ezimbini ezahlukeneyo ekuthathwe isigqibo sokuba zisetyenziswe liSebe leMfundo leNtshona Koloni (i-*WCED)* uku-odola izinto zokubhala nezokucoca, ezokusebenza egadini nezombane kunye inkqubo yoku-odola emayilandelwe ngokweekhontraki ezikhankanyiweyo ezisebenza kwizikolo ezingekho phantsi kwecandelo 21.

4. Kuya kunikwa isikhokelo kwi-*CEMIS* ukucacisa ukuba iimfuno zezinto zokubhala nezokucoca nezinto zokusebenza egadini nezombane zimelwe ukufakwa yaye zisayinelwe njani na kwikhompyutha.

5. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*) liya kufaka ii-odolo zezinto zokubhala nezokucoca, izinto zokusebenza egadini nezombane ezifuniweyo egameni lezikolo

ezingekho phantsi kwecandelo-21 ezinekhontraki nomboneleli-nkonzo, i-*Masiqhame Trading 1057 CC*, njengoko kucacisiweyo kule setyhula ikhankanyiweyo ngasentla.

6. Izikolo ziya kwenza i-odolo ngekhompyutha kuphela yezinto ezidweliswe kwikhathalogu eqhotyoshelweyo yezinto zokubhala nezokucoca, ezokusebenza egadini nezombane. Ezi khathalogu zamkeleke kuphela ukuya kutsho nge-30 Septemba 2020 ngokwe khontraki yeminyaka emithathu (Makujongwe iNgcaciso eMfutshane yeCandelo lokuXhasa amaZiko ngeZibonelelo 0009/2019, yomhla we-13 Septemba 2019).

7. Kucelwa uqaphele ukuba ikhontraki yezinto zokubhala ayizithengisi yaye ayizizisi iikhatriji zokuprinta. Ezi ayithem, kwakunye nezinye ii-ayithem ezingadweliswanga kwikhathalogu, ziya kuthengwa ngokwahlukeneyo kusetyenziswa inkqubo elandelwayo yokuthengwa kweempahla neenkonzo ngokweekoteshini ezenziwe kwisistim yasekhompyutheni i-*Integrated Procurement Solution*. Izikolo mazingenise iirikhwizishini kwiifom i-*WCED* 026 malunga nalo mba kwi-ofisi ye*LTSM* ku-Mnu Bernard Stoffels (kule nombolo yefoni- 021 467 2345 okanye zithunyelwe nge-imeyili apha LTSM@westerncape.gov.za), ungadlulanga umhla we-5 Juni 2020 ukuqinisekisa ukuziswa kwezixhobo kwangexesha.

8. Izikolo kuya kufuneka zisebenzise iimali zezabelo zazo ngokwemimiselo nemigangatho (*norms and standards*) (*N&S*)) ukuthenga izinto ezithengwa kuloo ndawo inesikolo (*local purchases*) ukulungiselela ukuhlawula zonke iimfuno zazo zezinto zokubhala nezokucoca, ezokusebenza egadini kunye nezinto zombane. Kubaluleke gqitha ke ngoko ukuba izikolo zicwangcise ngobulumko ekwenzeni isigqibo ngeendlela eziya kuzisebenzisa ngazo iimali zezabelo ze-*N&S* zazo ukuqinisekisa ukufumaneka ngokwaneleyo kweemali zokujongana neemfuno zazo. Ukuncedisa izikolo ngokumalunga noku, kuya kuthunyelwa ezikolweni isiqinisekiso see-odolo nexabiso lazo zakuba ii-odolo zikhutshiwe

9. Ziyakhuthazwa izikolo ukuba zilisebenzise eli thuba ngokuthi zizi-odole ngezambuku iimfuno zazo, kodwa ziya kunikwa ithuba lesibini loku-odola naziphi na ezinye ii-ayithem ukulungiselela ukuhlawula iimfuno ezongezelelweyo ezingabe zisekho.

10. Kucelwa wazise okukule ngcaciso imfutshane onke amagosa achaphazelekayo ukuze akuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-MS ABRAHAMS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOCWANGCISO LWEMFUNDO
UMHLA: 2020-05-20